Province of the
**EASTERN CAPE**
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 11

## NOVEMBA 2012

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P1

# MEMORANDAM

Le memorandam inamaphepha ama – 5.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 NguWeziwe (1)

1.2 Unethemba lokuba umyeni wakhe useza kuguquka ngenye imini
Umthanda nokuba sele embetha
Nokuba angahamba amshiye angasoloko ezimela umntwana lo wakhe eze kule ndoda (Nasiphi isibini) (2)

1.3 Kukufika kukaSpido (1)

1.4 Emapoliseni/Koonontlalontle/Kwamantyi (Nasiphi isibini) (2)

1.5 Ngokumkrwitsha (1)

1.6 Wayeshukuma wonke/intliziyo yayingasabethi. (Nayiphi na enye) (1)

1.7 Ukubeka inqawa (2)

1.8 Bubuxoki, wayesenziwa ngumsindo (2)

1.9 Ukuphepha ukuze angabethwa nguSpido/ Ukubetha uSpido kwiindawo ezinomxhelo (1)

1.10 Kulungile/ akulunganga
Uluvo lomfundi olunomhluzi luya kwamkeleka (2)

1.11 Imela (1)

1.12 Wayelikroti/ C (1)

1.13 Yinyani, ... “noDudu wasesiseleni” (2)

1.14 Libukhali (2)

1.15 Kukuba xa wonile ugwetywe uye kuhlala entolongweni (2)

1.16 Kukutsala umdla (1)

1.17 Caivil (1)

1.18 Bubuxoki, UMakosazana **ukhethe** umbala okuthiwa yiRacy Wine, loo nto ixela ukuba zikho nezinye idayi njengoko sixelelwa ukuba wakhetha (2)

1.19 Uluvo lomfundi olunomhluzi luya kwamkeleka (2)

1.20 Ewe kuba zinde, zintle kwaye zikhangeleka zondlekile. (naluphi uluvo olubekwa ngumfundi oluvakalayo) (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

**UMBUZO 2 (Iingongoma xa kushwankathelwa)**

Isishwankathelo masikorekishwe ngolu hlobo lulandelayo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
  - ❖ Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7.
  - ❖ Amanqaku ama-3 olwimi
  - ❖ Amanqaku ewonke = 10
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**

  1 – 3 izivakalisi ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.

  4 – 5 izivakalisi ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.

  6 – 7 izivakalisi zichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

**QAPHELA**

- **Imo:**

  Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

- **Ubalo-magama**
  - ❖ Abakorekishi kulindeleke ukuba baqiniseke ngenani lamagama asetyenzisiweyo.
  - ❖ Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - ❖ Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.
  - ❖ Makangohlwaywa umlingwa xa ebhale isishwankathelo esifutshane kodwa enazo zonke iingongoma, makanikwe amanqaku akhe.

| Umlingwa uya kuchankcatha kwezi ngongoma: |
| --- |
| • Umbhali imeko akhulele kuyo imenze wayindlobongela kuba uyisemkhulu wayebetha uyise ngokugqithisileyo, ze noyise wenjenjalo kuye.<br>• Unina akazange amkhusele kuyise xa wayemnyemba encoma kuphela udadewabo.<br>• Esikolweni wayeyifihla intlungu yakhe kodwa xa agodukayo wayeyicinga le ntlalo ibuhlungu.<br>• Ukutshintshela kwesinye isikolo akuzange kumncede kuba nalapho wayephila kabuhlungu.<br>• Babezibetha xa bonileyo kodwa namaqhinga awayewenza ukuzikhusela zange ancede nto de wancama wagoduka.<br>• Ukufunda ukudlala imidlalo yokulwa akuyikhuphanga le ntlungu koko uye waqinisa ekusebenziseni izigalo.<br>• Ukubhenela ekutshateni nako akuyiphelisanga intlungu anayo kwaye uyazifihla kwinkosikazi yakhe. |

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: ULWIMI

### UMBUZO 3

3.1 Exutywe/ edityaniswe/ evutywe (1)

3.2 Yayiyi**<u>nt</u>**etho (1)

3.3 Abaninzi kakhulu (1)

3.4 Kwakuculwa kamnandi
Amanzi xa aculela ukubila kuthiwa ayatsholoza (4)

3.5 (a) Landulela isibizo /likhokhela isibizo/ liphambi kwesibizo. (1)
(b) Lilandela isiqu sesenzi u-the/ landulelwa sisiqu sesenzi u-the. (1)
(c) Indawo/ phi?/ libonisa indawo/ isenzo senzeka phi. (1)
**[10]**

### UMBUZO 4

4.1 Uluntu> Xa kubhekiswa kubantu bebonke abantsundu
Ubuntu> Ububele/ ukuba yindlezane (2)

4.2 (a) Ukuteketisa/ uthando/ ukubuka (1)
(b) Isandiso/ ubukhulu (1)
(c) Sibonisa ukuba umntu othile ubangela ukuba umntu othile enze into ethile (1)

4.3 Ofundayo (1)
**[6]**

### UMBUZO 5

5.1 (b)/ Ubaxo (1)

5.2 Baza kuphumelela abafundi kulo nyaka. (1)

5.3 Utata ucheba umntwana intloko.(Nasiphi isivakalisi esibhalwe ngumfundi) (2)
Intloko- ethe ngqo (1)
Umntwana- engathanga ngqo. (1)

5.4 Umfundi uyaziphumelela iimviwo zakhe xa efunda ngokuzimisela./
Xa umfundi efunda ngokuzimisela uyaziphumelela iimviwo zakhe. (1)
**[7]**

**UMBUZO 6**

| | | |
|---|---|---|
| 6.1 | SAA BOEING 707 | (1) |
| 6.2 | Emyuziyam> kulapho kugcinwa khona amagugu esizwe<br>Kumnyhadala womculo> Kuba ulinxila lengoma | (2) |
| 6.3 | 21-10-2012 | (1) |
| 6.4 | Ngentsimbi yeshumi elinesibini/ ngeye-12 intsimbi | (1) |
| 6.5 | Iiyure ezili-14 | (2)<br>**[7]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**

**AMANQAKU EWONKE: 70**